Bafundi, basebenzi nani ziAlumnayi ezithandekayo,

Ndinibhalela ngexesha lempikiswano, nengxokozelo kwelinye icala edalwe lugwayimbo lwabasebenzi olungazange lwenzeka ngaphambili nolubangele ukuphazamiseka ngokugqithisileyo kokusebenza kunye nokonakaliswa kwesithunzi, igama nesidima seli ziko likhulu kangaka, iYunivesithi yeLizwe. Ukanti kwelinye icala, abanye bazinikele ekuxhaseni inkqubela phambili yeUnisa nempumelelo yeUnisa lo gama kusaqwalaselwa imiba yoxambuliswano.

Ndiyazi mhlophe into yokuba uninzi lwenu lusafuna yaye luzimisele ukuza kwiikhampasi ezahlukeneyo ukuza kusebenza nokuza kunceda abathathinxaxheba, ngakumbi abafundi bethu kodwa niyathintelwa ekwenzeni oko ngenxa yobundlongondlongo boogxa bethu abakumasango nakwiindlela ezingena kwezinye zeekhampasi, ngakumbi kwiikhampasi iPretoria naseFlorida.

Le meko yenziwe maxongo ngakumbi ziziganeko ezibi ezithe rhoqo zokuvalwa kweendlela namasango ngobugoxo neziqobo zemithi, ukutshiswa kwamatayala, ukuphoswa kwezinto ezihlabayo endleleni kananjalo nokugrogriswa okuphandle.

Nangona kunjalo, ndichuluncanyiswe ziingxelo nokuzibonela ukuba kuyo yonke loo nto, kukho abantu baseUnisa abazama ngandlela zonke ukuqinisekisa ukuba iinkonzo ezingundoqo ezinikezelwa yiyunivesithi ziyaqhubeka.

Njengoko nisazi, uLwesihlanu odlulileyo ibilusuku lokuqala lweemviwo zesiqingatha sokuqala sonyaka ka-2022. Ndivuye kakhulu ndakuva ingxelo yokuba usuku lokuqala luqhube kakuhle kakhulu yaye zonke iinkqubo zime ngobume zilungele lonke ixesha lokuqhuba kweemviwo zesiqingatha sokuqala sonyaka. Ndiye ndaqinisekiswa ukuba kwiimeko ezingaqhelekanga apho kunokubakho imicelimingeni, amaqela amiselwe ukulawula iimviwo ayakwazi ukuqaphela le mingeni aze angenelele ngokukhawuleza.

Iye yasincumisa nento yokuva ukuba nxamnye neengxelo ezingeyonyaniso ebezijikeleziswa kwamanye amaqonga, IziCelo zeSimesta ezifakwa ngeIntanethi ezivulwe ngoLwesibini, umhla we-10 kuCanzibe (Meyi) ka-2022 ziqhuba kakuhle. Esi sigaba sezicelo, sivulelwe kuphela izifundo ezikhethiweyo ezikwinqanaba lezifundo zesidanga sokuqala, iiOnazi neeDiploma ezifunyanwa emva kokufumana isidanga sokuqala (Postgraduate Diploma). Izigaba zeeDiploma ziya kuvalwa ngomhla wama-31 kuCanzibe 2022.

Egameni lesiGqeba esiLawulayo noluntu lonke lweyunivesithi, ndivakalisa imibulelo engazenzisiyo nehlanganyelweyo koogxa abathe gqolo ukumela igama leyunivesithi ngokuzinikela nangokukhuthala phantsi kwemeko enzima.

Imibulelo yethu esuka entliziyweni iya koogxa bethu abakwiindawo ezahlukeneyo abathe gqolo ukwenza umsebenzi wabo phantsi kwemeko egqubayo.

Siyaniqinisekisa ukuba sisazimisele ukuqhubeka neengxoxo ezisesikweni nezisemthethweni noogxa bethu abangenele ugwayimbo ngenjongo yokuqhubela phambili iajenda yezeMfundo, imigaqo yoBuntu, ubulali noBulungisa bezentlalo. Ngoko ke, sinqwenela ukulitsolisa singabaPhathi ukuba iiyunivesithi ngamaziko oluntu anegunya lokwakha abafundi njengeenkcuba-buchopho neenkunkqele ezikhonza uluntu nezingunobangela wenguqu yezentlalo, upolitiko nezoqoqosho ngenxa yokwakhiwa nokusasazwa kolwazi. Olu lubizo negunya iUnisa engenakuluyekela nje. Siyacela ngoko, ukuba bonke oogxa bethu abakugwayimbo bakwenze oko ngokwemigaqo-siseko yeYunivesithi nemithetho yelizwe, ekukho eminye yayo engakhuthazi udushe, ukugrogrisa abasebenzi nabafundi kunye/okanye izenzo zolwaphulomthetho. Sizimisele ukuqhubeka neengxoxo ukuze sifumane isisombululo kumgushuzo wabasebenzi oqhubekayo.

Kubo bonke abo bathe gqolo ukuxhasa iajenda yezeMfundo sinqwenela ukuphawula sincome imisebenzi yenu emihle. Siyazibona iintungo zenu. Sinibulela ngokungazenzisiyo ngokuthi niphakamisele phezulu ibhanile yaseUnisa ngeli xesha lobunzima.

Niqhube kakuhle,

Nangamso

Ngomkhulu umbuliso

Prof Puleng LenkaBula
**PRINCIPAL AND VICE-CHANCELLOR**